ISEBENZA NGOBUGQI.

## I-RHEUMATICURO !

IYEZA ELIKULU LASE SOUTH AFRICA.

[missing picture]

Alikaze linqatyelwe kupilisa Izifo Zamatambo. Isinqe, ingqaqambo Zentloko.

Lingqinwe ngamawaka.

Umenzi walo kupela ngu

J. JONES, Cape Town.

LINOKUTENGWA NAPINA.

## G.P. PERKS NO NYANA

E QONOE,

YEYONA NDAWO YOKUTENGA

*Imisesane yoku "Ngeja,"*
*Imisesane Yokutshata, Amacici Namehlo (Spectacles).*

KANANJALO XA UFUNA

*UKUHLAZIYA IWOTSHI.*

MARKET SQUARE,

Kingwilliamstown.

*The GREAT AFRICAN*
*ORSMOND'S*
*PREPARATIONS*

THE GREAT AFRICAN

## REMEDY

THE STANDARD DOMESTIC MEDICINE
FOR FEVERS AND COMPLAINTS OF THE HOME.
Yide Pamphlet.

THE GREAT AFRICAN

For Eczema, Eruptions, Sores,
Syphilitic and Scrofulous

DISEASE

## BLOOD

Unrivalled Tonic for
FEMALES
Specific for Eldney Urinary Disorders.

PURIFIER

THE GREAT AFRICAN
GUARANTEED SPECIFIC

For

COLIC,
DIARRHIEA,
DYSENTERY

AND

SUMMER BOWEL COMPLAINTS

ANTI RELAX

THE GREAT AFRICAN
FRUIT PILLS. '
For Liver, Stomach and Bowels.
The Cure for
Piles and Constipation.
Are Mild and Effective.

THE *GREAT AFRICAN*

*HERBAL OINTMENT.*

For Hew and Old Bores, Skin Diseases, Piles, Rheumatism, Sprains, Pain in Joints and Muscles, Inflammatory Swellings.

*PREPARED BY G.E COOK*

*MEDICAL HALL*

*KING WILLIAM'S TOWN.*

## J. NEWING

Umwezi Wempahla,

(Ekoneni ye Maclean Square)

E QONCE.

U FUMANA IMPAHLA EZIPUMA NQO KUBENZI BAZO.

Impahla ze Tweed Zamanene.
Impahla Zamadoda Zokodi neze Krikete.
Intlobo ezintle kunene ze Printi Nemichako ye Lokwe.
Impahla Yokwaka yentlobo zonke,

*Ikofu ne Swekile, njalo-njalo.*

Yonke into intsha, ilungile, itshipu—Yizani kubona

-Imveliso yomhlaba ilengwa nge Cash ngamanani lapakamileyo e Malike. 6mafrl8109

Abameli Micimbi

E. J- BYRNE,
(ATTORNEY, ETC.)

UMTETELELI-Ematyaleni, Umbali Minqopiso yengqesho neyentengiso mihlalaba. Ukwa yi Arente ye Gresham Life Assurance Society. No. 33, Maclean Street,
E-QONCE.

# Uboya! Uboya!

U

# KATA!

SISANDULUKUFUMANA i odolo evela e Ngilani ukuba Sitenge bonke

UBOYA BE NETEVU.

Zisani uboya ke nibone ukuba asiroli awona manani afanele yona.

W. O. CARTER & CO,

*MACLEAN SQUARE,*

KING
WILLIAMS
TOWN.

## A. MELASS'

CHEMIST & DRUGGIST

LAMAYEZA alandelayo Abantsundu, kwanawahleli enziwe kakade entlobo zonke, bahleli benawo :—
AKA MELASS Amafuta Apilisayo.
ELIKA MELASS Lokukamela Amehlo.
EKA MELASS Incindi Yezinyo.
AKA MELASS Amatontsi Endlebe.
OKA MELASS Umciza we Palo.
AKA MELASS Amatontsi e Stepu,
OKA MELASS Umciza we Fiva.
OKA MELASS Umciza Wokohlokohlo.
OKA MELASS Umomelezi.
OKA MELASS Uhlikihla.
EZIKA MELASS Ipilisi Zoxaxazo-Gazi.
OKA MELASS Umciza Wesisu.
OKA MELASS Umciza Wegazi.

*-Amayeza ezifo ezikalaza Abantwabahleli benawo.*

# A. J. Cross & Co.,

KING WILLIAMSTOWN

Esitsha Isizaziso sika Tikoloshe.

Kubaxhasi Abantsundu !

0 A. J. Cross & Co.

Banga bangazisa Abahlobo babo Abamnyama kuso sonke isi Qingata sase Qonce, e Ngqushwa, nakwezinye eziraulayo ukuba Base kwi Sitora Sabo Kwigumbi le Marike. Basaligcinile igama labo lokuba batengisa ngamaxabiso angapantsi kwawazo zonke ivonkile

APA E QONCE.

IPULUWA, ISALI, IHEMPE IBHULUKWE, IBHATYI, INGUBO NEZAMANKAZANA.

Umgubo, Ikofu, Iti, Iswekile—ngazwinye Into yonke etyiwayo.

*Basanika awona maxabiso nge NGQOLOWA, UMBONA, nezinye intlobo zokutya.*

# A. J. Cross & Co.

ANNOUNCEMENT.

Terms of Subscription (by Post.)

| | s. | d. |
|---|---|---|
| 12 Months - - - | 13 | 6 |
| 6 Months - - | 7 | 0 |

Deferred payments arc charged for at 4s. per Quarter.

ESTABLISHED 1814

[missing picture]

HUSTRATEO CATALOGUES
MARKET REPORTS,
POST FREE ON
APPLICATION*

BOUVERIE HOUSE

(Opposite the Head Offices of the Church Missionary Society).

# IMPORTERS EXPORTERS

OF
FIBRES OF ALL KINDS,
DRUGS, DRYSALTERIES,
SPICES, HIDES, SKINS,
TEA, COFFEE, COPRA,
SUGAR GUMS, CURIOS,
GENERAL PRODUCE,

OF
MANCHESTER GOODS,
DRAPERY, WOOLLENS,
MEN'S CLOTHING,
PROVISIONS,
IRONMONGERY,
TOOLS & MACHINERY.

REFERENCES to Customers in all parts of THE WORLD.
We will send, post free, on application, our recently published Volume on
"THE PRODUCES OF THE WORLD."
Every Planter, Estate Manager, or Produce Merchant should have a copy. It is the only volume of its kind ever published,

*TERMS, SAMPLES, AND ILLUSTRATED CATALOGUES BY RETURN MAIL.*

# JOHN HADDON & CO.,

COLONIAL & INDIAN MERCHANTS,
Bouverie House, Salisbury Square, E.C.

Cablegrams—"Dilutum, London." AB-G- Code used, Fourth Edition

EZINGE MFUNDO.

WANTED, —A Teacher who is a local preacher and married for Engcobo School.
Apply to
REV. W. S. DAVIS,
3t311 Clarkebury, Idutywa.

WANTED.—A Certificated male teacher for the Wesleyan Native Mission School, East London Location.
Apply to
REV. G. A. THEOBALD,
2i311 East London.

## LAMPLOUGH TRAINING INST.,

(BUTTERWORTH )

LE Sinala ivulwa kwakona ngolwesi BINI, JANUARY 30, 1894. Indawo ezivulekileyo ze titshala ezingabafundi (Pupil Teachers), nabasebenzi. Kufuneka zizalisiwo kwangoko.

Akuko ntombazana iyakuvunyelwa ukuba ibuyele kwakona ingazihlaulanga imali zesikolo ukuza kuti ga ngo 31st December, 1893. Kucingwa ngokubhengeza " uluhlu lwamagogotya " kwi " Mvo," okanye kwenziwe qinga limbi elibukali lokubuta imali efunekayo ngoku, njengokuba onke amatyala kufuneka ehlaulwe kwangoku.

WILLIAM J. HACKER,
Umongameli.

## AYLIFF TRAINING INSTITUTION

FOR GIRLS (PEDDIE). .

LE Sinala iya kuvulwa kwakona ukuqala umsebenzi ngolwesi BINI, JANUARY 30, 1894. Kuyakubako indawo yentombazana ezimbalwa.

Abafuna indawo bobhalela ku

REV. A J. LENNARD;

KU BATANDI BENGOMA
INGOMA ENTSHA NGE SOLFA—" *Her Last Words* "—esikumbuzo samazwi okuyolela kuka Mrs. Bokwe ; nenye " *The Peace of God"*—iculo elenziwa ngesicelo somfi u Hon. Charles Brownlee ukukumbuza ukubhubha kwentombi yake. Zishicilelwe ngu Mr. Bokwe e Lovedale. Zombini zinokutengwa nge 6d. ize kudibene nendleko zeposi ibe 6 ½ d. Owafunayo lamaculo abhalele ku

JOHN KNOX BOKWE,
Lovedale, Alice.

# IDE YALUNGA

## IVANGELI KA MATEYO

NGE SI-XHOSA.

NGOM'PHUNGA WENTETO WE
QELA LASE NGCOBO

*Ilungele Abaleseshi bonke,*
*Iyakuba luncedo ngokukodwa KWIZIK0L0 ZE CAWA.*

IBOTSHWE NGOKOMELELEYO.

*Ixabiso lencwadi enye 9d.; itunyelwe ngeposi* l0d.*; Otenga iqela* le- 12, *ubizwa* 8s.*; okanye* 8d. *ngencwadi enye.*

*Ifunyanwa ku*

*J. TENGO-JABA VU,*
*Kwi Ofisi ye " Mvo,"*
*King Williamstown,*

Kufunwa

I SICAKA sokwenza yonke imisebenzi.
Kubalelwa ku
Mrs. Fox,
The Hermitage,
Buffalo Road,
Kingwilliamstown.

# J. R. IRELAND

Umaki Wezindlu Nomtati we Kontreki,

Umcweli Kumasebe Okucwela Onke.

MARKET STREET,

Kingwilliamstown.

*UMENZI WEMPAHLA YEZIKOLO*
*YENTLOBO ZONKE.*

*I DESK EZINEZIHLALO ZAZO, EZENZIWE ' KAKUHLE NANGENDLELA EMANGALISA YO NANGAPEZU KWEZIVELA KWAMANYE AMAZWE, NAMAXABISO ANGANENO.*

## J. LAMONT.

NKATULA! NKATULA !

QUEENSTOWN.

UKUPELA kwevenkile e Komani apo amafama anokuzifumana zonke izinto azifunayo.

. U

# J. L.

Unga angacela amehlo ecelela imfumba anazo ze Tyali, Blankete, Izibhalala, Ingubo Zamadoda, Ihempe, Printi, Izihlangu, Isali, —ngazwinye yonke into enokulangazelelwa ngumzi ontsundu, ngamaxabiso angazanga aviwe ngapambili e Queenstown.

—o—

Ukuze uyinakane nawe into esiyenzayo elifezekileyo ikuba 75 Eagle litengiswa nge 30/; Imixokelelwana yokutsala, yenkabi 10, 10/. Iswekile elungileyo emtubi 30/ nge 100Ibs ; Ikofu 1/ ngeponti.

—o—

Kwakona unemfumba yengubo ezingonoxesha, zonke ngamaxabiso abaluleke Ngobupantsi. Lilo eli ixesha labahlobo ,betu bangapandle ukuba batenge.

—o—

IMVELISO.

Awona manani apezulu anokufunyanwa ngo Boya, Izikumba, Imfele, nkudla, njalo-njalo, njalo-njalo.

## J. LAMONT,

Kwi Boloro yakwa Komani,
(QUEENSTOWN).

## IMVO ZABANTU

IZALATISO NGENXASO YEPEPA.

Ngonyaka (irolwe xa uqalayo ... 13s. 3d'

Ngenyanga-Ntandatu (ekuqaleni) 7s. 0d.

Ngonyanga-Ntatu (ekuqaleni) ... 3s. 6d.

Ukuba zide zapela inyanga ezintatu ngarolwanga intlaulo seyi 4s.

Abahlobo banga bangahlala beyisondeze ezingqondweni indawo yencito enkulu yemali, egqite neyamanye amashishini, yokuhanjiswa kwepepa; buti bona ubuncinane benyanga ezintatu, xana babafutshane, bahlale bebutumela. Oko kuya kubancipisela bona umtwalo, bapungule ixhala koquba umsebenzi. Yakuba lityala elikulu iba nobunzima ebantwini nasepepeni.

Umsebenzi ufuna iqela elitsha labatabati be "Mvo," kuba udidizelelaekuweni ngokuyekelwa kwawo kwabambalwa,kanti ungowomzi wonke ontsundu.

—o—

Kuyalezwa bukali ukuba abangekayi tumeli imali yo Kwata epelileyo, kwanalo ipetweyo benjenjalo kwangoku.

J, TENGO-JABAVU.

# IZAZISO ZAKOMKULU.

[missing picture]

*ZISHICILELWA NGE GUNYA.*

UKUCHITWA KWE PALAMENTE.

## INTSHUMAYELO.

NGU MHLEKAZI U SIR HENRY BROUGHAM LOCH.

Owentshinga ye Knight Grand Cross, yodidi olubaluleke kunene lo St. Michael no St. George, Owamatshawe adume kunene e Bath, i Ruluneli no Mpati Oyintloko we Koloni yo Mntan' Omhle yase Cape of Good Hope e South Africa, namazwana nezibhaxa zawo, ne Sandla so Mntan' Omhle, njalo-njalo,

EKUBENI nge Siqendu sama 74 ngo Mteto wokumiswa kwe Palamente yale Koloni, kulungiselelwe ukuba kuyakuba ngu. mteto ukuba i Ruluneli yale Koloni, nanini na xa ibona kufanelekile ukwenjenjalo, iyichite ngenteto nokuba kungentshumayelo kwipepa lakomkulu i *Government Gazette,* Indlu Yengwevu Nengapantsi yale Koloni, umhlaimbi Indlu Engapantsi ngapandle kokuyichita eyengwevu. Nasekubeni ndibona ukuba kufanelekile ngokulunga okubanzi nezizatu ezaneleyo, ukuchita, ngalo elixesha, Indlu Engapantsi ngapandle kokuyichita Eyengwevu.

Ke ngoku, ngesisishumayelo ndiyayichita Indlu Engapantsi, nalo Ndlu Engapandle ndiyaxela ngokunjalo ukuba ichitiwe.

TIXO SINDISA INKOSAZANA !

Sinikelwe esandleni sam Isinamatiselo sa Komkulu se Koloni yase Cape of Good Hope, ngawo lomhla we 18 December 1893.

HENRY B. LOCH,
I Ruluneli.

Ngomyalelo wo Mhlekazi i Ruluneli e Bhungeni.

J. GORDON SPRIGG.

No. 485, 1893.

UKUMISWA KWENTSHA I PALAMENTE.

Ekubeni ngesi Sishumayelo sam No. 485, ndinamandla namagunya anikwe kum ngumteto, ndiyichitile Indlu Engapantsi yale Koloni, nasekubeni ngoku kwanele ukuba kuqutywe unyulo olutsha lwamalungu e Ndlu Engapantsi.

Ke ngoku, ngamandla namagunya endiwanikwe ngumteto, ndiyashumayela, ndixala ndisazisa ezindawo zilandelayo malunga nonyulo Iwamalungu Endlu Engapantsi eziqingata zabanyuli zale Koloni, ngapandle kwesiqingata sabanyuli sase Kapa, oko kukuti:—

1. Amagosa evoti ezi ziqingata Zabanyuli zale Koloni zixeliweyo (ngapandle kwesase Rini, Embo naseba Tenjini) ayakuba zimantyi zezoziqingata zixeliweyo, ngokulandelelanayo, umhlaimbi amagosa ate chu okweloxesha.

2. Igosa levoti e Rini iyakuba yi Mantyi yesiqingata sase Albany, nokuba ngaba bhafi ababambeleyo ngeloxesba.

3. Ababhali bevoti e Mbo nase ba Tenjini, iyakuba zi Mantyi Ezinkulu —eyase Mbo neyaso ba Tenjini, ngokulandelelanayo, nmhlaumbi ababambeleyo okweloxesha.

5.Ababhali bevoti beziqingata esezixeliwe (ngapandle kwesase Rini) bayakuba nebandla, ngolwesi HLANU, 19 JANUARY ozayo ngo 10 o'clock emini, lokubalula amadoda aselugqatsweni lonyulo, njengo myalelo wo Siqendu so 48 Sommiselo wo Mbuso, ukuze apo nasomva koko ngomteto kuqutywe unyulo lwamalungu.

6.Umbhali wevoti kwisiqingata sase Rini uyakuba nebandla elikwanjalo ngomhla we 22 January ozayo aqube lomsebenzi uxelwe ngentla kwango 10 o'clock emini.

7. Nakuyipina indawo kweziziqingata zixeliweyo ekute kwafuneka umnyhadala amagosa okubhala ivoti kwiziqingata ese zixeliwe (ngapandle kwelase Mbo naseba Tenjini) iyakuba zi Mantyi ne Felkornet zezo ziqingata, nokuba ngamagosa abambe. leyo ngeloxa; e Mbo nase ba Tenjini iyakuba zi Mantyi Ezinkulu ne Mantyi zezo ziqingata zikwezo ndawo, nokuba ngababambeli beloxesha, amagosa ayakuba nesiqiniselo esixela ukuba umiselwe ukubhala ivoti zonyulo lwamalungu Endlu Engapantsi kwindawo ekunyulwa kuzo ezikankanyiweyo kweso siqiniselo.

Kwakona ndiyashumayela ndisazisa ukuba bonke abantu abanetyala lokusebenzisa amaqinga awalelwayo ngumteto elunyulweni, bayakuti bakugwetywa batwale izohlwayo ezinikwa ngu Mteto Onqanda Ubumenemene Elunyulweni, ka 1859," nangu " Mteto Wonyulo lwe Palamente ka 1883."

TIXO SINDISA INKOSAZANA.

Sinikelwe esandleni sam Isinamatiselo sa Komkulu se Koloni yase Cape of Good Hope, ngawo lomhla we 18 December, 1893.

HENRY B. LOCH,
Iruluneli.

Ngomyalelo wo Mhlekazi e Bhungeni.

J. GORDON SPRIGG. No. 486, 1893.

ISAZISO SAKOMKULU.—No 1930, 1893.

*Kwi Ofisi yo Mpatiswa Koloni, Cape of Good Hope,* 18 *Dec.,* 1893.

MALUNGA ne Zishumayelo Nos. 486 no 487 zomhla we 18 December, amehlo omzi acelelwa kwimigaqo yo Mteto Ohlomela Ummiselo Wombuso ka 1874, no Mteto Wokuhlonyelwa kwelase Griqualand West ka 1877, u Mteto Wokwandisa Umelo lwase Kimberley, no Mteto Womelo lwase Transkei ka 1887.

1 Ukwenzela ukunyula amashumi asixenxe anesitandu amalungu Endlu Engapantsi ye Palamente, i Koloni yahlulwe yangamashumi amatatu anesixenxe eziqingata zabanyuli, ngoluhlob Albany, Albert, Aliwal North, Barkly, Beaufort, Caledon, Cape, Cape Town, Clanwilliam, Colesberg, Cradock, East London, Fort Beaufort, George, Graaff-Reinet, Grahamstown, Kim berley, King Williams Town, Malmesbury, Namaqnaland, Oudtshoorn, Paarl, Piquetberg, Port Elizabeth, Queenstown, Richmond, Riversdale, Somerset East, Stellenbosch, Swellendam, Uitenhage, Victoria East, Victoria West, Wodehouse, Worcester, Griqualand East no Tembuland.

2 Abavoti kwisiqingata ngasinye kwezi zixelwe ngentla, ngapandle kwesase Kapa, Kimberley, Embo, naseba Tenjini, bayakuba nelungelo lokunyula amadoda amabini anemfanelo ukuba abe ngamalungu Endlu Engapantsi, abanyuli besiqingata sase Kapa banelungelo lokunyula amadoda amane; Isiqingata sabanyuli sase Kimberley siya kunyula amalungu amane; Isiqingata sabanyuli sase Mbo siya kunyula ilungu elinye; Isiqingata sabanyuli sase ba Tenjini siya kunyula ilungu elinye; lamalungu aya kuzishiya izihlalo zawo ekupeleni kweminyaka emihlanu kususela kumhle wokunyulwa kwawo.

3 . Kwindawo ekute kwako ugqatso lwamalungu

(a) Umvoti ngamnye kwezi ziqingata zale Koloni, ngapandle kwe Kapa, Kimberley, e Mbo naseba Tenjini, uyakuba nevoti ezimbini anokuziba pakati kwabase lugqatsweni lonyulo, kodwa akakunika ngapezu kwevoti enye kwindoda enye.

(b) Umvoti ngamnye kwiziqingata zabanyuli zase Kapa, nesase Kimberley uyakaba nevoti ezine anokuzaba pakati kwabase lugqataweni, kodwa akanako ukunika ngapezu kwevoti enye kwindoda enye.

(c) Umvoti ngamnye kwiziqingata zabanyuli zase Mbo naseba Tenjini bayakuba nevoti enye, ke ngoko unokuvotela umntu omnye.

4 Inyameko ebalulekileyo ibhekiswa kwisiqendu esihlonyelweyo so " Mteto Wonyulo lwe Palamente ka 1883 " :—XXXV. Akuko mvoti uyakuti pakati kwenyanga ezintatu ngapambili mhlaumbi nangalipina ixesha lonyulo abe ubelityazisiwe, eqeshiwe nokuba uqashelwe yonke, nokuba yiyipina into yonyulo ngenxa yomvuzo esenzela nabanina oselugqatsweni kolo lunyulo abe ligosa, umceli wevoti, umbhali, isitunywa, nokuba yiyipina ingqesho enjalo, akasokuba nalungelo lokuvota kolo lunyulo, ati ukuba uyakuvota kunjalo, uyakuti akufunyanwa enetyala atwale isohlwayo esingagqitileyo kumashumi amahlanu eponti, ati ukuba akanakuhlaula afakwe entolongweni ixesha elingengapezulu kwenyanga ezintandatu.

5. Nawupina umntu oyakuba nemfanelo nelungelo lokubbalwa abe ngumvoti nakusipina isiqingata sabanyuli ngapakati kwale Koloni uyakuba nemfanelo nelungelo lokonyulwa ukuba abe lilungu le Ndlu Engapantsi lesiqingata sabanyuli nasipina pakati kwale Koloni: xa angemntu ubambe ofisi efnmana inzuzo ngayo pantsi ko Mntan' Omhle Inkosazana pakati kwale Koloni, ngapandle kwabantu abakutshwe sisiqendu III so Mteto 1 ka 1872, no Mteto 14 ka 1893, kanjalo akuko mntu aba?? nkroti ungena siqiniselo, neyeza ndlebe eyakuba ebhalwe njengomvoti ngendlela nje yokuba efumene isiqiniselo, uyakuba nemfanelo yokunyulwa abe lilungu le Ndlu Engapantsi.

6. Akuko mntu uyakungena elugqatsweni de abe ubalulwe ngumvoti obhaliweyo weso siqingata angene elugqatsweni Iwaso, kanjalo de ololubalulo lube lutelelwe ngomnye umvoti; kanjalo ukuba kute kwafumaneka ukuba abangene elugqatsweni balinani elingengapezulu kwenani lamalungu amakanyulwe, abo bantu basondeziweyo kuya kwaziswa kamsinyane ukuba banyulwe ngemfanelo kodwa ukuba inani labantu abasondeziweyo lingapezulu kwamalungu amakanyulwe, nawupina oselugqatsweni, nokuba nguwupina umvoti osebenzela nawupina oselugqatsweni, uyakuti, emva kokuba kupakanyiswe izandla ngabavoti abebeko saxelwa isiqamo soko, abize umnyhadala, igosa liyakuti, pambi kokulichita ibandla lokwalata abaselugqatsweni, limise, lazise imini yonyulo, ukuze litabate isibambiso esaneleyo (esingagqitileyo ku Mashumi Amahlanu Eponti) intlaulo yabaselugqatsweni esisabelo esilinganayo sendleko zololunyulo.

7. Amabandla okubalula abaselugqatsweni ayakwenziwa ngama Gosa amiselwe Sisishumayelo so Mhlekazi i Ruluneli, njengokulandelayo : —

Kwiziqingata zabanyuli zale Koloni, ngapandle kwe Kapa, isiqingata sase Kapa, Rini, Embo naseba Tenjini, e ofisini ye Mantyi yalodolopu nokuba yindawo ekuyo i ofisi ye Mantyi yeso siqingata. Ngolwesi-Hlanu, 19 January.

Kwisiqingata sabanyuli se Kapa, kwi Volunteer Drill Hall Calendon Square, e Kapa. . . Ngolwesi-Hlanu, 19 Jan.

Kwisiqingata sase Bini, e ofisini ye Mantyi e Rini. . . Ngo Mvulo, 22 January.

Kwiziqingata zabanyuli zase Mbo naseba Tenjini, ezi ofiisini se Mantyi Ezinkulu ngokulandelelanayo. . Ngolwesi-Hlanu, 19 January.

Kwis'qingata sase Kana, kwi Volunteer Drill Hall, Caledon Square, Capetown. , Ngo Mvulo, 22 January.

HENRY DE SMIDT,
Umpatiswa Koloni Ongapantsi.

ISAZISO SAKOMKULU, —No. 934, 1893

*Kwi Ofisi yo Mpatiswa Koloni, E Kapa,* 21 *September* 1893.

SISAZISO silandelayo sibhekiswa kwabafuna ukuhamba besuka e Orange Free State nase Transvaal besiza kule Koloni ngololiwe bo Rulumeni wase Kapa, sibhengezelwa ukuba bazi bonke.

HENRY DE SMIDT,
Umpatiswa-Koloni-Ongapantsi.

UKUVUSWA KOMZI.

UKUQAPULA.

Abafuna ukuhamba ngololiwe besiza kule Koloni bevela e Orange Free State nase Transvaal bayaziswa ukuba ngapandle kokuba babonakalise ngokwanelisayo ukuba baqatshulwe (uku entwa), bayakumelwa kukuba bati bakufika kule Koloni baqatshulwe ngonyanzelo; ngoko ke bayacetyiswa ngokuqinileyo ukuba mabaqatshulwe pambi kokuba banduluke kwezondawo.

U Rulumeni selelungiselele isitofu sokuqapula, esilungiselelwo li Gqira Lobugqi lase Rini.

I Gadi nabaqhubi bololiwe baka rulumeni wase Kapa bayalelwe ukuba batabate amagama nendawo abaya kuzo abantu abehamba ngololiwe bevela kulomazwe.

HENrY DE SMIDT Umpatiswa. Koloni. Ongapantsi.

KUKUQAPULA—QONCE.

UYAZISWA okokuba i Gqira Lesiqingata liyakumana ukuba kwindlu yesikula kwa Bhuluneli (Brownlee Station) ngo Mvulo, ngolwesi-Tatu nangolwesi-Hlanu pakati ko 9 a m. no 1 p.m. emini, liqapula ngesisa bonke abantsundu abeza kona.

B. H. HOLLAND,
Imantyi.

Kwi Ofisi ye Mantyi,
E Qonce, 27 September 1893.

ISAZISO SIKA RULUMENL—No 1157, '92

*Kwi Ofisi yo Mpatiswa-Koloni, Capetown, Cape of Good Hope,* 29 *November,* 1893.

UMHLEKAZI Iruluneli, ngecebo le Bhunga, ibone ukuba kufanele ukuba kukutshwe lomteto ohiomola kwemiyo engokubotozwa kwe Zilepere Leprosy Repression Act, 1884.) *

P. H. FAURE, Umpatiswa-Koloni.

UMTETO W0KUBOTOZA IZILEPERE ka '84

ISIQENDU ESONGEZELELWEYO.

6. Nayipina Imantyi etunyelwe isaziso, ngokwemigaqo yalo Mteto, ngokushenxiawa komntu onelepere, inokubhala ukuba eso saziso sibe namandla okubamba lomntu nokuba ubalekele kuwupina umandla, ize kengoko lomantyi situnyelwe kuyo isaziso ezo ibe namandla angangokuba sasitunyelwe kuyo kwamhla mnene.

Published by the Proprietor, J. TENGO-JABAVU, at Smith Street, Kingwilliamstown.